# UKUVISISANISA IMITHETHO YEMBEWU YASEAFRIKA NGE-SADC NE-COMESA




Ukuvisisanisa imithetho yembewu kuthetha ukuba onke amazwe akwibloko yenqila aza kusebenzisa iinkqubo ezifanayo, izatifikethi ezifanayo zembewu neenkqubo zokuvavanya, kunye nendlela efanayo yokuvalela ecaleni ngenxa yesifo nemilinganiselo yezifo zezityalo zokuvelisa imbewu nokuyisasaza. Izakubanye ***iRegional Seed List (Uludwe Lwembewu Lwenqila)*** okanye ***Ikhathalogu Yembewu Yenqila*** ebonelela ngeenkcukacha zeentlobo zembewu eziyunywe ngokusemthethweni kwizinga lenqila ziyunywa ligunya elingumakhonya elenza izigqibo. Oku kuthetha ukuba, xa ingayunywa ngokusemthethweni i-Regional Seed List, iintlobo zembewu eziyelisiweyo zaza zayanywa kumaxesha onyaka amabini kwilizwe elinye zingayeliswa zize zithengiswe nakwamanye amazwe akwibloko yaloo nqila.

Ukuvisisaniswa kwemithetho yembewu eAfrika kumiselwa yi-regional economic communities (amaqela ezoqoqosho enqila [RECs]). Inkqubo yokumiselwa kwembewu eyisisanisiweyo ye-Southern African Development Community (SADC) isebenza kumazwe ali-**15** angamalungu, ngoxa imimiselo yorhwebo lwembewu eyisisanisiweyo ye-Common Market for Eastern and Southern Africa's (COMESA) isebenza kumazwe ali-**19** angamalungu. Amazwe ngamanye anyanzelwa ukuba ahlaziye imithetho yawo ihambisane nenkqubo yokuvisisanisa yenqila. Oku kuthetha ukuba inkqubo yenqila yokumisela iza kuba negunya elingaphezu kwelikarhulumente welo lizwe kumba weentlobo zembewu ezinokukhutshwa kwinqila.

Ukuvisisaniswa kujoliswe ekwandiseni urhwebo lwembewu yenqila nendima yeenkampani zabucala ekuveliseni imbewu nokuyisasaza kumazwe aliqela. Oku kuya kwandisa iimarike ezingakumbi zezi nkampani.

www.acbio.org.za info@acbio.org.za Tel +27 (0)11 486 1156

african centre for biodiversity

dudu coelho.com